

ISIKHOKELO ESIJOLISWE KUNKINKISHO LWAMANZI (UBONELELO LWAMANZI OLUCUTHIWEYO)

Bonke abasebenzisi bamanzi kwinqila iphela kufuneka balindele unkinkishelo lwamanzi (ubonelelo lwamanzi olucuthekileyo) ukunceda iQela leKapa ukuba lizibone limelana nale mbalela.

Ukucuthwa kokusetyenziswa kwamanzi kuhleli ingeyona ndlela ibalulekileyo yongenelelo ekuncediseni iSixeko ukuba siphumelele kwingxaki yexesha lokoma lasehlotyeni esijonge kulo. Ngongcedo lwenkoliso yabahlali bethu, kunye nabezolawulo bethu kuxinzelelo lwamanzi, ukucutshwa kokuvuza neenkqubo ezingesixhobo solawulo lokusetyenziswa kwamanzi oku konke kuye kwabangela ukuba usetyenziso lwamanzi luhle ngokuvisayo. Nangona kunjalo, kufuneka kumiselwe amanyathelo athe xhaxhe abalulekileyo anjengolawulo olubalaseleyo loxinzelelo lwamanzi kwaye abelugqilima ukuze singaziboni sikwimeko enkene-nkene apho itephu zethi zizakuthi zingaphumi manzi konke. Kufuneka senze konke okusemandleni ethu ukuba kungehli oku. Amaqela ethu eSixeko asebenza kangangeeyure ezingama-24/7 ukuqinisekisa ukuba ngongcedo labasebenzisi bethu bamanzi, sithi siqhubekeke nokulondoloza amanzi esinawo. Ngaxesha-linye, kuthi kwenziwe nayiphina inzame ukuze kufumanekwe ubonelelo olungolunye lwamanzi.

INGABA ULAWULO LOXINZELELO LWAMANZI LUWALONDOLOZA NJANI AMANZI?

Siye sicuthe isantya sokuhamba kwamanzi ukuya kwiitephu zabasebenzisi bethu bamanzi, ngaloo ndlela ke siye sithobe izinga lokusetyenziswa kwamanzi. Ukuba uxinzelelo lwamanzi lusezantsi, kuye kuhambe amanzi amancinci ngelo xesha xa uvule itephu kwaye ukusetyenziswa kwamanzi kuye kucutheke.

KUNGAYICHAPHAZELA NJANI IPROPATI YAM OKU?

Uthungelwano lokuhamba kwamanzi leSixeko luyilwe njengenqubo yobonelelo oluqhubekekayo apho kufuneka luhlale lunoxinzelelo ngokweeyure ezingama-24 ngosuku. Oku kuthetha ukuba imibhobho kufuneka ihlale igcwaliswe ngamanzi. Ngokweemeko zesiqhelo zokusebenza, inkqubo le ithi ibonelele ngamanzi ngokwamaqondo oxinzelelo aphakathi kwe-2,4 no-9 bar.

iSixeko ke kungokunje simisela iSigaba-1 seSicwangciso esibalulekileyo seNtlekele yokuShokoxeka kwaManzi apho sithi sifune ulawulo loxinzelelo lwamanzi olubalaseleyo. Abasebenzi bethu bathe gqolo kwaye beqhubekeka ukucutha uxinzelelo lwamanzi kwiSixeko siphela, kodwa eyona njongo iphambili yeyokuba kugcinwe isixhobo esi ubuncinane sikwibha enye kweyona ndawo iphakamileyo kuloo mmandla.

Ngokwengqiqo, wonke ubani ohlala kwinqanaba elilingana nomhlaba kufuneka enalo ubonelelo lwamanzi kuqhagamshelwano olungeemitha zamanzi. Izakhiwo ezikwindawo ephakamileyo neendawo zokuhlala ezakhiwe ubude ezili-10 m ukususela emhlabeni, ziyakuthi zichaphazeleke ngakumbi koku ngaphandle kokuba kukho iimpompo zokumpompa amanzi kwezo propati.

Xa abasebenzisi bamanzi abaninzi besebenzisa amanzi ngexesha elinye, kukho uxinzelelo olukhulu lemfuneko yawo. Oku kwenzeka xa abantu behlamba iimpahla zokunxiba kusasa okanye behlamba eshawareni ngexesha elinye kwisithuba sasemini. Olu xinzelelo lwemfuneko yamanzi (lwenzeka phakathi kwentsimbi ye-05:00 neye-09:00 kusasa naphakathi kweye-17:00 neye-21:00 ngongcwalazi). Ngokwale meko, isixhobo kufuneka sibuyele esiqhelweni xa uxinzelelo lwemfuneko luhlile apho xa kugqityiwe ukuhlanjwa okanye ukushawarisha. Abahlali abakwimimandla ephakamileyo ngabona bayakuthi bachaphazeleke ngakumbi kukuphazamiseka kobonelelo ngamanzi njengoko ubonelelo lwabo ngamanzi luxhomekeke kubamelwane babo abakwimimandla ekwiindawo ezingaphakama abakummandla woxinzelelo omnye.

Oku kufana nokuqhubeka ugcwalisa ibhakethi eligcwele yimingxunya. Imingxunya esezantsi iyakuthi ibenoxinzelelo oluphezulu kwaye iyakuthi ikhuphe amanzi amaninzi xa kuthelekiswa nemingxunya engaphezulwana. Amanzi okokuqala ayakuphuma kuyo yonke imingxunya kodwa njengoko liyakuthi liye lisihla inqanaba lamanzi, imingxunya engaphezulwana kwibhakethi iyakuthi iqalise ukuthontsiza kwaye lihle nenqanaba lamanzi ukudlula imingxunya kwaye kuhambe amanzi amaninzi. Ukuba imingxunya ngaphantsi ivaliwe, amanzi ayakuthi ngokucuthayo anyuke ukuya phezulu kwakhona.

CINGA NGAMANZI
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

Emva kokuba kuye kwamiselwa ummandla wolawulo loxinzelelo, uye unonotshelwe, ugcinwe kwelo xinzelelo umiselwe kulo. Ulawulo loxinzelelo olujoliswe ekunqamkeni kwamanzi, alucwangciswa. Ukunqamka kobonelelo nexesha lokuqhubeka kwalo kuxhomekeke kubasebenzisi bamanzi kuloo mmandla. Kuba singenakho ukubalawula ngokubambekayo indlela abaziphethe ngayo abasebenzisi bamanzi, asinakho ukuqikelela ubungakanani bexesha eliyakuthi liqhube loo mmandla ukuba uthobe izinga lokusebenzisa kwalo amanzi ukuba lifikelele kwizinga elifanelekileyo. Ke ngoko iSixeko asinakho ukubonelela ngazo naziphina izicwangciso zamaxesha (iishedyuli) zokuqalisa oku.

Nceda ufumane izilumkiso zeSixeko saseKapa eziku-Twitter nezaziso zenkonzo kwa-<https://twitter.com/CityofCTAlerts>. ISixeko siyakuthi senze kangangoko ukuba sinikezele ngengcaciso xa kuqhubeka ulawulo loxinzelelo lwamanzi kuloo mmandla.

Oku ngenene linyathelo elifanelekileyo kwimizamo yethu yokuba simelane nale mbalela ngoncedo labahlali bethu.

IZIKHOKELO ZONKINKISHO LWAMANZI

EKUFUNeka KWENZIWE:

- Gcina phakathi kwe-5 ne-10 leelitha zamanzi alungele ukuselwa kuphela ukuba asetyenziswe ekhaya ngexesha lonkinkisho. Ukugcina amanzi amaninzi oko kuthetha ukuba akukho manzi alondolozwayo.
- Gcina amanye amanzi alungiselelwe izilwanyana zekhaya. Abaninkazi bezilwanyana kufuneka basebenzise ingqiqo yabo.
- Xa uqaphela ukunqamka kobonelelo lwamanzi, kwaye ngaphambi kokuba uqhagamshelane neziko lokufowunela leSixeko, nceda kuqala uhlole kummelwane wakho ukuba ngaba unalo na ubonelelo ngamanzi kwipropati yakhe. Iipropati ezikwindawo ephakamileyo kummandla okanye iipropati ezingaphezulu kwe-10 m ukususela kwinqanaba lomhlaba onqahagamshelwaniso lwamanzi kamasipala, zikumngcipheko ophezulu ukuba zibenophazamiseko lobonelelo ngamanzi. Ezo propati ziyakhuthazwa ukuba ziphonononge ubonelelo ngamanzi kwitephu ukuba lubekwinqanaba elisezantsi kwiipropati zabo. Ukuthontsiza kwawo phakathi kwamaxesha oxinzelelo lwemfuneko yawo kufaneleke ukuba kubonakalisa inkqubo le ifumana ubunzima ngenxa yemfuneko yawo ekwizinga eliphezulu. Ubonelelo kufaneleke ukuba libenomahluko noko emva kwexesha elingephi.
- Ukuba uhlala okanye usebenzela kwizakhiwo eziphindeneyo ukuya phezulu, qinisekisa ukuba inkqubo yobonelelo (iimpompo zokwandisa ubonelelo nezitora zamanzi ezikuphahla) zihlala zikwimeko elungileyo yokusebenza apho ethi ithobele uMthetho kaMasipala ongezaManzi (<http://cct.gov.za/xAjse>)
- Qinisekisa ukuba zonke iitephu zivaliwe xa zingasetyenziswa ukuze kuthinteleke umonakalo/ ilahleko yamanzi xa kubuyiselwe ubonelelo kwakhona lwamanzi. ISixeko asinaxanduva lwayo nayiphina impembelelo okanye umonakalo kwisakheko esingundoqo esisesabucala apho kungumphumela wonkinkisho lwamanzi okanye imisebenzi enxulumene noko, ngokungqinelana noMthetho kaMasipala ongezaManzi (<http://cct.gov.za/xAjse>).
- Xa lubuyiselwe ubonelelo lwamanzi, amanzi angabonakala ebumdakana njengelifu apho oku kungumphumela wokusebenzisa kokucuthwa koxinelelo lwamanzi. Nceda ungenzi inkcitho ngala manzi okuqala (abumdakana). Wagcina kwaye uwasebenzise kwakhona ekugungxuleni (ekuflasheni).
- Wagcine amanzi kwindawo epholileyo, engumthunzi ekude nokukhanya nekude nokuqhuma.
- libhotile zamanzi kufuneka zihlale zivalisiwe ukuze kuthintelwe izifo.
- Qinisekisa ukuba zonke izicimi-mlilo zikwimeko ekulungele ukusebenza ngokusemthethweni. Ukuba kuyenzeka, fumana izicimi-mlilo okanye wongeze okuninzi kunoko unako ngokwakalokunje.

OKUFUNeka KUNGENZIWA:

- Ungagcini amanzi amaninzi kamasipala.
- Musa ukwenza inkcitho yethontsi lamanzi xa ubonelelo lawo lubuyiselwe kwakhona. Londoloza nawaphina amanzi ababumdaka ukuze kugungxulwe (kuflashwe) ithoyilethi.
- Musa ukusela amanzi amadaka/angwevu.

Nceda uqaphele ukuba izithintelo nemigqaliselo ekujoliswe kuyo yokusebenziswa kwamanzi zisenokutshintshwa ngokwesaziso esifutshane, kusenziwa inzame yokuqubisana nengxaki ekujongwane nayo.

Nceda undwendwele kwa-www.capetown.gov.za/thinkwater ukuze ufumane iinkcukacha ezingezinye, ngokumalunga:

- Nonkinkisho lwamanzi
- Indlela engokuphonononga ukuvuza kwipropati yakho
- Indlela yokulondoloza amanzi
- Indlela yokusebenzisa amanzi amdaka
- Izixhobo zolawulo lokusebenziswa kwamanzi.
- Imithombo yamanzi engeminye nengcaciso engeyakalokunje

Abahlali bangaqhagamshelana neSixeko ngokuthi basebenzise i-imeyile ngu water@capetown.gov.za okanye bangathumela i-SMS kwa-31373 ngokumalunga nayo yonke engezamanzi.